# Xa kuvuthelwa iivuvuzela

Emva kokuqaliswa komdlalo, iNdebe yeSoka yeHlabathi inganenqaku elinempumelelo kulawulo lweprojekthi yaseMzantsi Afrika nobuqili bezoshishino – nohlobo lophawu, ucebise watsho **u-ANTOINETTE SLABBERT**.

Le asiyompumelelo iphantsi, utshilo uBotha, intloko yeZiko loLawulo lweProkjekthi kwi-USB Executive Development Ltd, ebhekisele ekunikezelweni kwamaqonga ezemidlalo amathandathu angumqondiso kuMzantsi Afrika uphela ngomhla obekiweyo.

Xa usebenza ngowona msitho mkhulu wezemidlalo, awukwazi kwenza nje into engekho mgangathweni, ekrokrisayo. Ukongeza koko jonga ekuphelelweni kwabantu yimisebenzi nemihla ebekiweyo ukugqiba oku kucacile nje ukuba lunjani na uxinezelelo. uBotha ubalela impumelelo yolawulo lweprojekthi kubuchule obutsha obuziswayo eMzantsi Afrika kwicandelo lolwakhiwo obukumgangatho ophezulu kwilizwe, nakumgangatho wobunkokheli bekomiti eququzelelayo esekuhlaleni.

Eli ibilixesha apho abemi baseMzantsi Afrika kuwo onke amanqanaba bebezama kunye.

Bekunye namalungu ohlukeneyo esigqeba esiphambili esilawulawo neenkokheli zikarhulumente ukususela kumasebe ezemidlalo, elezokhuseleko, elezemicimbi yamanye amazwe nelijongene novimba wemithombo yezemali – nelobumongameli, kunye neenkokheli eziphezulu zoshishino, ezimelweyo kwikomiti yemisebenzi eyahlukeneyo, inkxaso inokufumaneka xa idingeka.

Umba obekho ibikukungenelela

‘Singabulela iindumasi zethu ezinethamsanqa zeNdebe yeHlabathi’

– uMatšatši Marobe, iCEO yeQumrhu loShishino lwezoKhenketho

kukaBaleka Mbethe, owayesakuba ngusekela mongameli, kuMasipala waseMbombela eNelspruit owaphelisa uqhankqalazo lwabasebenzi. uRhulumente uhlaziye inkxaso yemibutho yentlangano yabasebenzi nemibutho yabaqeshi ukwenzela ukuba luqhubeke ulwakhiwo kwaye neFifa iye yangenelela ngokunikezela ngamanye amatikiti kubasebenzi abokhayo!

Ukunikezela ngeprojekthi kwangethuba, ngoqingqo-mali olunikeziweyo neenkcukacha ezifunekayo kwenza ulawulo lweprojekthi lubenempumelelo, utshilo uNjingalwazi uChris Brown, oqale uLawulo lweProjekthi yase-USB kwaye ufundise abafundi abangama-8 000 kweli lizwe liphela ukususela ngo-1992.

Uqingqo-mali obeluhleli lusenyuka, lukhokelele ekugxekweni ngokubanzi nokuba kubekho imibuzo emalunga nokuzinziswa ixesha elide kwamaqonga ezemidlalo axabisa kakhulu.

Ngenxa yesizathu sokwenyu-

ka kwamaxabiso, uPierre Blaauw, owayesakuba yingcali kwezoqoqosho ngezokwakha kwiManyano yaseMzantsi Afrika yaBakhi bezendlela (Safcec) ngaphambili ucaphule ukunqongophala kwezibonelelo ezineenkcukacha – ingakumbi iimeko zokunqongophala kwezakhono koomasipala, abasebenze njengeearhente ezenza ukuba urhulumente akhe amaqonga ezemidlalo.

UBotha ucacisa ngolwalamano olugqwethiweyo oluphakathi kweenkcukacha nobungozi obunokubakho. Xa zingekho ninzi iinkcukacha ezikhoyo, buninzi ubungozi obunokubakho kumakhi kulo mba, utshilo.

Ngaphandle kokubandakanya iindleko zokulungiselela izinto ezinokwenzeka ezingekho ntle, amaxabiso aye enyuka njengoko uyilo oluneenkcukacha lwamacandelo anzima kakhulu obugcisa afana neempawu zophawu oluthile lophahla lwenziwe emva kokunikezelwa kwezivumelwano zokuqala.

Bekusenokwenzeka ngenene ukuba neenkcukacha eziphelelelyo kwasekuqaleni, kucingwe ngobugcisa obunzima nexesha elisongeneyo, utshilo uBotha.

Iiprojekthi zeNdebe yeHlabathi zisebenzela ukwandisa impumelelo yolwakhiwo lwangaphambili kwilizwe ngxexesha apho intengiso yolwakhiwo lweendawo zokuhlala iye yehla. Amashishini amakhulu ahleliweyo afana namaQela amahlanu (iGroup Five) neBasil Read, neenkampani ezincinci eziphantsi kwezi ziye zabaleka iziphumo zomonakalo ekuweni kwezindlu ngokuphinda kuxhathiswe izikhundla zabo neeprojekthi zeNdebe yeHlabathi. Ngale ndlela iiProjekthi zeNdebe yeHlabathi ziye zakwazi ukugcina imisebenzi.

Ibingeloshishini lolwakhiwo kuphela ebelinikwe ikhefu elifutshane yiNdebe yeHlabathi.

"Singabulela iindumasi ezibenethamsanqa kwiNdebe yeHlabathi," utshilo uMatšatši Marobe, iCEO yeQumrhu lezoShishino kwezoKhenketho laseMzantsi Afrika (TBCSA).

Ingxaki yezoqoqosho kwilizwe jikelele liye lajongana nezotyelelo kwamanye amazwe njengengxaki

## 'Akukho mpumelelo iphantsi'

– uMC Botha, iNtloko yeZiko loLawulo lweeProjekthi, kwi-USB-ED

enkulu. Ushishino luqale ukwehla ekupheleni kuka-2008 nangokufika kwezolonwabo ngo-Agasti kunyaka ophelileyo, kungabandakanywa abo basuka e-Afrika, abehle ukusuka kuma-30% nama-40% xa kuthelekiswa nonyaka ophelileyo.

Ukuba ibingezozilumkiso zeNdebe yeHlabathi, imibono kwezoshishino ngeyimibi. Abaqeshi engebecinge ngodendo, baye babagcina abasebenzi babo balindele ngovuyo iNdebe yeHlabathi.

Iindlela eziphuculweyo neehotele ezininzi ezintsha zakhiwe kucingwa iNdebe yeHlabathi iza kunceda ushishino lwezokhenketho lwaseMzantsi Afrika kwiminyaka emininzi ezayo.

Ukwazi iimarike ezintsha ezifana neMexico neMontenegro zivula amathuba amaninzi, utshilo uMarobe.

UGillian Saunders, umlawuli weStrategic Solutions ekucebisaneni lkwamazwe kwiGrant Thornton yingcali ephambili yamanani ka-2010. Uqikelela ukuba abatyeleli bamanye amazwe abangama-487 000 abeze kwiNdebe yeHlabathi baza kwandisa abakhenkethi abasuka kwamanye amazwe ngonyaka babeli-5,5% nenkcitho yamanye amazwe ibeli-12%.

Phantse babeli-19 000 abameli bamajelo eendaba abalindelekileyo nababukeli abalindelekileyo abazizigidi ezingama-26 abakhulayo bakamabonakude, uthe uSaunders iNdebe yeHlabathi inika amathuba awodwa kwezentengiso kuMzantsi Afrika njengendawo yabatyeleli kwaye idala ukuba abantu bazi ngcono ngeli lizwe.

UFrikkie Herbst, unjingalwazi wolawulo lwezentengiso kwi-USB, uyibiza iNdebe yeHlabathi elona thuba libalaseleyo lezentengiso kuphawu loMzantsi Afrika.

UMzantsi Afrika unamava ekuthwaleni imisitho emikhulu yezemidlalo efana neeNdebe zeHlabathi eyombhoxo nebhola yeqakamba kwaye ngoku inezakhiwo ezitsha, kodwa ngoku kufuneka bongeze ixabiso elisemgangathweni kumava agqibeleleyo, utshilo.

Ngoku uphawu lwaseMzantsi Afrika luxhalabisa abokhuseleko, ukuthanda ukubona ububi kuyo yonke into yase-Afrika nokungaqondi umlinganiselo wobunzima belizwekazi.

| Ukukhula okulindelekileyo kumanani abakhenkethi ngo-2008-2015 | |
|---|---|
| **Ukukhula ngaphandle kweNdebe yeHlabathi** | **Umlinganiselo ka-2008-2015** |
| Phesheya | 2,5% |
| Umhlaba wase-Afrika | 6,9% |
| Umoya wase-Afrika | 4,9% |
| **Ukukhula neNdebe yeHlabathi** | **Umlinganiselo ka-2008-2015** |
| Phesheya | 4.0% |
| Umhlaba wase-Afrika | 7.0% |
| Umoya wase-Afrika | 6,4% |

Ifumaneke: kuGrant Thornton

Ngokufumana amathuba abonelelwa yiNdebe yeHlabathi, ezi mbono zingaphunyezwa, utshilo uHerbst. Ukuze kwandiswe ubulungisa kumaphawu, uMzantsi Afrika kufuneka ubonelele ngomgangatho ophezulu weenkonzo, amava awodwa neenkcukacha nobucukubhede obufanelekileyo nobaneleyo.

Ngalo mba, uthi utsalo lokuqqibela olwaqhubeka eKapa ngoDisemba nolwaasasazwa kumazwe kwihlabathi jikelele, lwaba ngaphaya kokwakulindelekile.

UNjingalwazi uWolfgang Thomas, uNjingalwazi wezoqoqosho kwi-USB, ulumkisa ukuba uqikelelo lubhekisele kokucingelwayo kwaye amaxesha amaninzi lutolikeka ngokungekuko.

Kumgangatho osezantsi, uthi uThomas, abathengisa ezitalatweni kufuneka bazuze ngokunyuka kwezinto ezithengwayo. Ukusekwa kweendawo zokuhlala, kusenokudanisa, utshilo.

Iindawo zokutyelela ziyaphinda zicinga ngeendlela ezinobuchule zokwazisela intengiso iindawo zabo emva kokuba i-140 000 yobusuku bokulala obuli-199 000 ligcinwe ngokwemidlalo, yi-arhente yeendawo zokulala yeFifa, ngokwezivumelwano zezigidi ezingama-R635, ziye zabuyiselwa kwimakhethe ngoJanuwari. ngokoMlawuli ophezulu wemidlalo ojongene neendawo zokulala uVivienne Bervoets, ukuchitha ixesha kunye lelona gama laseMzantsi Afrika, elingaziwayo phesheya kwaye kunzima ukulazisela intengiso.

Noxa kunjalo umnyhadala weNdebe yeHlabathi ka-2010 useza kwaye akukho mntu onokuzichaza okwangoku zonke izinto ezinokuzuzwa kuwo.

UNjingalwazi Brown uthi ukuthelekelela impumelelo yeprojekthi yinkqubo eqhubekekayo enokuqhubekeka kangangeminyaka engama-30 okanye engama-50, ngokuxhomekeka kuhlobo lweprojekthi. Nokuba inkcitho ingaphaya, umsantsa ophakathi kwengeniso nenkcitho unokujongwa ngezinto ezingenakubalwa, ukuba bazalisekisa umbono wombutho/wesebe.

Kulo mba, isigqibo sokuqala ukuzama ukubamba iNdebe yeHlabathi ubukhulu becala sesezopolitiko.

Kusenokuba kwiminyaka elishumi okanye engamashumi amabini umntu usenokujonga ngemva ekumanyweni kwesizwe, ilizwe eliye lakhula, abantwana abaphupha ngokugqwesa njengamaqhawe abo ezemidlalo, abatyali zimali abangena koku ngokuzithemba.

Inkcitho kwiqonga lezemidlalo elitsha, ukwandiswa kwezikhululo zeenqwelo-moya nokuphuculwa kwezothutho iza kuthathwa njengotshintsho oluncinci xa kuthelekiswa nengeniso enkulu yokwakha isizwe. a

‘Umsantsa phakathi kwengeniso nenkcitho ungajongwa zizinto ezingenakubonakala, ngokuxhomekeke kumbono wesebe/wombutho’

– uNjing Chris Brown, ojongene noLawulo lweProjekthi, kwi-USB-ED

**INDEBE YEHLABATHI: Yintoni oyamkelayo kumba woshishino/kumba wolawulo lweprojekthi?**

Thumela izimvo zakho kwa-agenda@usb.ac.za okanye uthumele isms kwa-39841 (kuza kusebenza iintlawulo eziqhelekileyo)